NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2020

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

IMIYALELO

1. Eli phepha linamacandelo amabini (u-A noB).

   ICANDELO A: Inoveli

   ICANDELO B: Imihlathi nemihlathana

2. KWICANDELO A – phendula YONKE IMIBUZO KUMBUZO WOKU-1 NAKOWESI-2.
   – khetha phakathi koMBUZO WESI-3 NOWESI-4.
   – khetha phakathi koMBUZO WESI-5 NOWESI-6.

3. KWICANDELO B – bhala umhlathi omde ube MNYE, nomhlathi OMNYE omfutshane.

4. Phendula imibuzo emiNE iyonke.

5. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.

6. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku ombuzo.

7. Nombola iimpendulo zakho ngendlela ekunonjolwe ngalo kwiphepha lemibuzo.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

IEB Copyright © 2020 TYHILA

ICANDELO A UNCWADI

INOVELI: *Nyana Wam! Nyana Wam!* – W. K. Tamsanqa

UMBUZO 1 UMHLATHI NGABALINGANISWA NOMXHOLO

1.1 Funda isicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuso:

"Tyhini Nomsa vula, nanku umntu enkqonkqoza," yatsho intwanazana egama linguThandeka ikrweca eyayihleli ecaleni kuludwe oluphambili phakathi koludwe lwezitulo, ngasemnyango.

"Ndiyeke mna. Ungavuli nje wena akunazandla?" watsho uNomsa ezidlikidla.

"Nguwe ongasemnyango," utshilo uThandeka. "Ke ndinetyala ngokuhlala ngasemnyango?"
Nkqo! Nkqo! Nkqo! Nkqo! Lwazinga unkqonkqozo. Krwaqu uNomsa etafileni katitshala kutitshala, wafika emjonge ngamabi wona amehlo. Watsiba owenkawu ukuya kuvula kuba wayemazi ukuba akananja idla nambudlwana.
Galakangqa kwangena ufafa olude lomfana, into emnyama ukusuka esihlangwini uyokuphosa elunweleni. Into emkhitha ngathi ngowenkabi yehashe.

Uthe akungena lo mfo wabonakala ephakama utitshala esihlaweni emhlangabeza, kucaca ukuba uyamfanisa. Akufika kuye wolula isandla embulisa, wenjenjalo nomhambi baxhawulana.

"Tyhini bhota Thole!" watsho utitshala esixhuzu-xhuzula isandla somhambi ehleka.

"Titshala uza kudliwa, layekwa elo gama," watsho umhambi, phofu ehleka.

"Uthini na mfondini? Nguwe lo? Waba ngumfundisi ngenene? Uyazi ndimana ukuyiva nje le nto ndingakholwa," watsho utitshala esibambile njalo isandla somhambi.

"Ndim lo kholwa," yaba mfutshane yatsho impendulo yomhambi.

1.1.1 Iqhubeka phi le ncoko kaThandeka noNomsa? (1)

1.1.2 Nika igama likatitshala okhankanyiweyo apha kwesi sicatshulwa. (1)

1.1.3 Ngubani lo wayenkqonkqoza egumbini lokufundela? (1)

1.1.4 Wazana njani notitshala lo mfo umchaze ku 1.1.3? (1)

1.1.5 Chaza inkangeleko yalo mfo ngendlela achazwe ngayo kwisicatshulwa. (2)

1.1.6 Ucinga ukuba wayiva phi utitshala ukuba uThole waba ngumfundisi? (2)

1.1.7 Kutheni utitshala engakholelwa ukuba uThole ungumfundisi? (2)
[10]

IEB Copyright © 2020

1.2 Phendula imibuzo ngo**BUHLOBO**.

1.2.1 Bunjani ubuhlobo baba balinganiswa bathathu?

UThole	**UThemba**	**USonwabo**

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi

A Bubuhlobo benene.
B Bubuhlobo bethutyana/bexeshana.
C Bubuhlobo babumini. (1)

1.2.2 Xhasa impendulo oyikhethe kumbuzo ongentla. (1)

1.2.3 Bhala ngokufutshane ngesiganeko esinye apho uThole athe walahlekiswa ngabahlobo bakhe. (3)

1.2.4 Kwenzeka ntoni kuThemba noSonwabo eKnysna Forest? (1)

1.2.5 Chaza isimo sikaThole ngesivakalisi esi**NYE**. (2)

1.2.6 Waphila ubomi obunjani uThole emva kokuba ehlukene nabahlobo bakhe? (2)

1.2.7 Nika imfundiso evezwa sisimo sikaThole. (2)
[12]

IEB Copyright © 2020

UMBUZO 2 IZIGANEKO

2.1 **UThole wazenza umntu angenguye eKnysna emva kokusinda kwiingonyama.**

2.1.1 Wazenza ngathi:

A ligqwirha.
B ngugqirha.
C ligqirha. (1)

2.1.2 Kwakutheni ukuze azenze lo mntu umxele ku-2.1.1? (1)

2.1.3 Yamnceda njani loo nto? (1)

2.1.4 Ucinga ukuba wenza into elungileyo apha uThole? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.5 Yintoni eyabangela uThole afune ukuhamba eKnysna? (1)

2.1.6 Nika umxholo weleta kaThole awayibhalela uThozama. (2)
[8]

IDAYALOGU/INCOKO

Khetha isihloko sibe **siNYE** kwezi zingezantsi ubhale incoko.

Khetha phakathi **koMBUZO WESI-3 noMBUZO WESI-4**.

Bhala isihloko sedayalogu oyikhethileyo.

UMBUZO 3

Bhala incoko phakathi kukaFikizolo noThole emva kokubuya kwakhe eKnysna.

Chaphazela ezi ngongoma:

- UFikizolo makabuze uThole ngezinto acinga ukuzenza njengoko efikile ekhaya.
- UThole makabonakalise ukungaqondi ukuba uFikizolo uthetha ngantoni.
- UFikizolo makachazele uThole ngeminqweno yakhe ngaye.
- UThole makaxelele uFikizolo iminqweno yakhe.
- UFikizolo makabonakalise ukungayikholelwa le nto ayixelelwa nguThole.
- UThole makabonakalise ukuba oko akuthethayo kuyinyani kwaye kuza kwenzeka.

[Isakhiwo sedayalogu/incoko naso siza kuthathelwa ingqalelo]

[10]

OKANYE

IEB Copyright © 2020

UMBUZO 4

Gqibezela incoko phakathi kukaBaw' uMkwayi nabafana baseNkomponi.

Abafana bazincokolela ngomfundisi ongundaba-mlonyeni. Kungena uBaw' uMkwayi ahlale phantsi abamamele. Phakathi encokweni wabonakala ukuba uBaw' uMkwayi unomdla waze wavakala esithi:

UBaw' uMkwayi: Nithini na bafana bam? Nithi lo mfundisi kuthiwa ufunde kangako ukudlula abelungu ngumXhosa?

4.1 **Umfana:** **…** (1)

UBaw' uMkwayi: Ukuba ngumXhosa ke bafana bam, ngumni isiduko? Eyinto kabani? Phi?

4.2 **Abafana:** **…**
(*batsho abafana bahleka*) (1)

UBaw' uMkwayi: Musani ukundihleka bafana bam, ndiphenduleni. Ukuba nithi ngumXhosa, ngumni isiduko?

4.3 **Abafana:** **…** (2)

UBaw' uMkwayi: Uthini na ngoku mfana wam?

4.4 **Abafana:** **…?** (1)

UBaw' uMkwayi: Ewe bakhona.

4.5 **Umfana:** **…?** (1)

UBaw' uMkwayi: Andibazi ke mfo wam ukuba bavela phi na. Ndandidla ngokuva nje ukuba kukho umfundisi ndingabi namdla wokuqonda ukuba uvela phi na kuba ndandingazise so izinto zamagqobhoka.

4.6 **Umfana:** **…?** (1)

UBaw' uMkwayi: Andizange ndive.

4.7 **Umfana:** **…?** (1)

UBaw' uMkwayi: Kunjalo kanye mfo wam.

4.8 **Umfana:** **…?** (1)

UBaw' uMkwayi: Ewe!

4.9 **Umfana:** **…?** (1)

UBaw' uMkwayi: Tyhini! Uyazi ukuba uthetha into mfana wam. Nene nene andizange ndive mntu ubulisa umfundisi ngesiduko, Ndisuka ndive nje kusithiwa mfundisi.

[10]

IEB Copyright © 2020

ISINCOKO

Khetha isihloko sibe **siNYE** kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Phendula **UMBUZO WESI-5 okanye UMBUZO WESI-6**.

Isincoko sakho masibe phakathi **kwamagama ali-180** ukuya **kumagama angama-200** ubude.

UMBUZO 5

Ukuhlaselwa kukaThole ekhayeni likaNomsa

Sichazele ngolu hlaselo. Chaphazela ezi ngongoma zilandelayo:

- Umhlathi woku 1: Nika isizathu sokuba uThole atyelele ikhaya likaNomsa. (1)
- Umhlathi wesi 2: Cacisa indlela uNomsa noThole abazana ngayo. (2)
- Umhlathi wesi 3: Nika amagama abantu abahlasela uThole nesizathu sokuba bamhlasele. (2)
- Umhlathi wesi 4: Chaza izenzo zokuxhaphaza ezazisenziwa kuThole nguJoe neqela lakhe ngexesha kusenzeka esi siganeko. (10)
- Umhlathi wesi 5: Chaza indlela asinde ngayo uThole nesigqibo athe wasithatha emva kolu hlaselo. (5)

[20]

OKANYE

UMBUZO 6

Thixo wamaZulu! Nguye. Ngumntwana wam … Nyana Wam! Nyana Wam! Zanenkanyamba!

La ngamazwi aphuma komnye umlinganiswa ebalini. Balisa ulandele esi sikhokhelo:

- Umhlathi woku 1: Sichazele igama lomlinganiswa nendawo awayekuyo ngexesha ethetha la mazwi. (2)
- Umhlathi wesi 2: Cacisa indlela esahlukana ngayo esi sibini. (2)
- Umhlathi wesi 3: Cacisa indlela esidibene ngayo esi sibini sekuthethwa la mazwi. (14)
- Umhlathi wesi 4: Shwankathela okwenzekileyo emva kokwazana kwesi sibini. (2)

[20]

60 amanqaku

IEB Copyright © 2020

ICANDELO B

IMIHLATHI EMIDE

- Phendula ileta ibe **NYE** kwezi zilandelayo.
- Impendulo yakho mayibe phakathi **kwamagama ali-150** ukuya **kumagama angama-200** ubude.
- Bhala phantsi inombolo yombuzo nesihloko.

UMBUZO 7 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho ileta umbulele ngeengcebiso athe wakunika zona kwingxaki obunayo. Le ngxaki ingayingxaki yezothando, yezekhaya, yokufuna ukufana nabanye abantwana, yobuhlanga njalo-njalo.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Ingxaki obunayo.
- Iingcebiso akunike zona.
- Uzisebenzise njani ezi ngcebiso.
- Zisitshintshe njani isimo sakho.



[*Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi waze wahlelwa*]

[30]

OKANYE

UMBUZO 8 ILETA YOBURHULUMENTE

[*Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi waze wahlelwa*]

Bhalela inqununu yesikolo sakho ileta uxolise ngokunikezela ulwazi olungekhoyo ngotitshala wakho.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Loluphi ulwazi onikeze ngalo.
- Ulunikezele phi olu lwazi.
- Kutheni ukuze wenze njalo.
- Ufunde ntoni kwesi senzo.

[30]

OKANYE

IEB Copyright © 2020

UMBUZO 9 ILETA YOBURHULUMENTE



[*Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi*]

Bhalela inkampani onomdla wokuyisebenzela ileta wenze isicelo somsebenzi.

Chaphazela ezi ngongoma zilandelayo:

- Kutheni unomdla wokusebenzela le nkampani.
- Zeziphi izakhono onazo.
- Leliphi igalelo oza kulenza kule nkampani ukuba uyawufumana lo msebenzi.

[30]

OKANYE

UMBUZO 10 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela abazali bakho ileta ubachazele ngendlela onqwenela ukuphila ngayo nangezinto onqwenela ukuzenza ebomini.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Bulela indlela abakukhulise ngayo.
- Bacele ukuba bakukhulule wenze izinto ngendlela ofuna ukwenza ngayo.
- Iza kunceda njani le ndlela ofuna ukuphila ngayo.
- Bacele ukuba bakuthembe ngesicelo sakho.

[30]

IEB Copyright © 2020

IMIHLATHANA

Khetha isihloko sibe **siNYE** kwezi zingezantsi uze ubhale umhlathana ngaso. Umhlathana wakho kufuneka ube **ngamagama ali-120–150** ubude.

UMBUZO 11 IFLAYA

Bhala iflaya ucebise ulutsha ukuba lwahlukane neziyobisi.

Kwiflaya yakho chaphazela ezi ngongoma:

- Isihloko esinika umdla.
- Chaza izizathu zokuba ufune ulutsha luyeke ukutshaya nokuthatha iziyobisi.
- Ungasebenzisa imifanekiso xa kukho imfuneko yoko.

[10]

OKANYE

UMBUZO 12 UMYALEZO WEFOWUNI



[*Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi waze wahlelwa*]

Bhalela umhlobo wakho umyalezo wefoni umkhuthaze ukuba angayeki isikolo ngenxa yamanqaku aphantsi awafumeneyo.

Kumyalezo wakho chaphazela ezi ngongoma:

- Mxelele ukuba ucela ukumnceda.
- Mcebise ngendlela zokufunda.
- Mnike ithemba.

[10]

IEB Copyright © 2020

OKANYE

UMBUZO 13 IKHADI

Yila ikhadi elihamba nesipho unike umlinganiswa omthandayo kwincwadi oyifundayo (*Nyana Wam! Nyana Wam!*). Cacisa ukuba kutheni umpha isipho lo mlinganiswa.

Iya ku: _____

_____

_____

_____

_____

Ivela ku:

[10]

40 amanqaku

Amanqaku ewonke: 100

IEB Copyright © 2020